## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Ayephila kukwenza imisetyenzana efana nokulima becoca nezitiya kwimizi ngemizi. (1)

1.1.2 Sisingxungxo (1)

1.1.3 Kukuba ayenabafazi abangaphangeliyo kunye nabantwana abafundayo. (1)

1.1.4 Hayi ngoba iminyaka yakhe yayingekafikeleli ekubeni afumane inkamnkam kwaye nempilo yakhe yayingenasiphene. (2)

1.1.5 Bawelwa yintlaka emlonyeni. (1)

1.1.6 Unabantu bakho Thixo ngamaxesha onke. (2)

1.1.7 Babesoyikisela ukuba kude kufuneke bayeke esikolweni bangakwazi ukuqhubekeka nemfundo ngenxa yokungaphangeli kwabo. (1)

1.1.8 Anikwa imoto entsha ekumgangatho ophezulu/kudidi oluphezulu. (1)

1.1.9 Ancumelana eqonda ukuba aza kuba kumanqwanqwa aphezulu. (1)

1.1.10 Loo mini balala bevuya/konwabe nosana oluncancayo. (1)

1.1.11 Kukuba ooZenzile basuke bathi kwindawo enamagophe bajike phambi kwamapolisa aye kutshona ezingxondorheni. (2)

1.1.12 Boyiswa kukukhupha imiphefumlo engenatyala/Bathi baxolele ukusokola kunokuba iinyembezi negazi labantu libuzwe kubo/ babesebenzela umntu obanika imali encinci.
[Nayiphi impendulo kwezi] (2)

1.1.13 Lesifuba/A/A lesifuba (1)

1.1.14 Ulufundisa ukuba malufunde ukuzisebenzela ngoba wonke umntu uphiwe iizandla nguMdali ukuze akwazi ukuphila/Lumkela ukuziqeshisa kwindawo enobungozi ngenxa yokuba ulamba/ Ungaphelela entolongweni ungaqondanga ngenxa yomsebenzi onobungozi. (2)

1.1.15 Iwesiyobisi (1)

1.1.16 A Ewe, amantombazana ayakhulelwa kuba xa uthe wanomntwana urhulumente unemali ayikhuphayo ukuncedisa ukondla umntwana bona ngoku bafumana abantwana abaninzi kuba befuna indlela yokufumana imali kuba ngomntwana ngamnye urhulumente uyabonelela. (2)

B Ewe, abantu abazikhuseli kwisifo uGawulayo kuba benethemba lokuba xa bethe bafunyaniswa ukuba banesifo urhulumente uza kubabonelela ukuze bakwazi ukutya ukutya okunempilo xa bengaphangeli kwaye besitya iipilisi zesi sifo. (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 1.2.1 Ibonisa ukuba sisikolo esineentlanga zonke kwaye sixubile amakhwenkwe namantombazana/sisikolo samantombazana namakhwenkwe esineentlanga zonke. (2)

1.2.2 Ndiyangqina kunjalo ngoba apha emfanekisweni kukho nomntwana omnyama kwigumbi lokufundela elinabantwana abamhlophe.

**OKANYE**

Ndiyachasa xa ujongisisa kulo mfanekiso kukho umfundi omhlophe ogibisela iphepha kulo mfundi umnyama ukweli gumbi labo lokufundela kwaye babonakala bemhleka kwaye uhleli yedwa. [Nayiphina impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.2.3 Zizikolo zabelungu/iiModel C. (1)

1.2.4 Ukhathazekile/unxunguphele/akonwabanga. (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:

**Ulwabiwo lwamanqaku:**

- Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
- Amanqaku ama-3 olwimi.
- Amanqaku ewonke: 10

**Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**

1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1.
4–5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
6–7 amanqaku achanekileyo.

**Qaphela:**

**Ifomathi:**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphonononongwe.

**Ubalo-magama:**

Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.

Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibhalanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama alibhalileyo alichanekanga.

Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo , funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

- Ikhaya elinobushushu yindawo ekufanele wonke umntu abe nayo ukuze abe ngogqibeleleyo .
- Ekhayeni kuqulunqwa isimo somntu ukuze akulungele ukuphila nabanye abantu elizweni.
- Ingqeqesho,ukhuseleko nolonwabo zifumaneka ekhaya.
- Ukungabi nakhaya kudala ukungonwabi nonxunguphalo nokungabikho kothando kuba umntu akhange alufumane ekhaya.
- Uthando,imvisiswano nokuthobelana ebazalini kudala ikhaya elinesidima.
- Abantwana bekhaya elinothando bakhula bezithembile kwaye bekhuselekile.
- Abantu bekhaya elibumbeneyo bayaxhasana baphathisane xa omnye wabo ethe wagaxeleka ezingxakini.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Sisimnini (1)

3.2 Nkqu (1)

3.3 Ngumculo nengoma yakhe ethi uLoliwe. (2)

3.4 Namhlanje – isihlomelo sexesha (2)

3.5 Kuba kufuneka libonakale kumntu wonke ofunda le ntengiso kwaye itsale nomdla wabantu ukuze bafune ukuyithenga. (1)

3.6 Amawaka amabini eerandi. (1)

3.7 Isixando sokwenzela (1)

3.8 Umfihlo. (1)
**[10]**

### UMBUZO 4

4.1 Umgangatho wemfundo uphuculwa nguBlade Nzimande (1)

4.2 Ukuqhankqalaza. (1)

4.3 Licebo-isibayiyo/sinamalungelo- isibanayo. [Nesiphi kwezi] (1)

4.4 Siyaphoxa/siyagxeka. (1)

4.5 Oyitsotsi/umgulukudu/umaphuli mthetho (1)

4.6 Xa kusalathwa iceba liyalahlwa (1)

4.7 Bayimiqotyana. (1)

4.8 Abonisa ukuba usaqhubekeka nokucinga. (1)

4.9 Uye-isilabalabi (1)

4.10 Sicinga ukuba aba bantu banokuyeka ukutoyi-toya xa befuna amalungelo abo kuthetha thethwane uMzantsi Afrika ungaphucuka/UMzantsi Afrika ungaphucuki nje ngaba bantu batoyi-toyayo xa benengxaki. (1)
**[10]**

## UMBUZO 5

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1. 1 | IsiXhosa siyalila- isimntwiso/yokukrazula kubini intliziyo-<br>Ugqithiso/Ubaxo<br>Sinyamezele.. soyisakale/ sizibika- isimntwiso [Naziphi na eziBINI kwezi] | (2) |
| | 5.1.2 | kodwa. | (1) |
| | 5.1.3 | yabo-yaso<br>kubantu – ebantwini<br>ukuhlukunyezwa – ukuxhatshazwa<br>lwesintu – lwesiNtu<br>lonto – lo nto<br>bahloniphiwe – bahlonitshiwe.<br>babalumkiswe – mabalumkiswe<br>(Naziphina eziThathu) | (3) |
| | 5.1.4 | Ifriji – isikhenkcisi/isikhenkcezisi<br>Iirediyo-unomathotholo | (2) |
| | 5.1.5 | KwisiZulu | (1) |
| | 5.1.6 | C/sisindiswe | (1) |
| | 5.1.7 | Ukuveza + indlebe | (2) |
| | 5.1.8 | Eli qhalo libhekisa kumntu ongakhaliyo xa esiva ukuba kunzima kuba akazukucingelwa kuba kucingwa ukuba uva kamnandi okanye uyonwabele lo meko akuyo. | (1) |
| | 5.1.9 | Sona – isimelabizo soqobo | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | Sibonisa ubukhulu bomoya/ubuninzi. | (1) |
| | 5.2.2 | Umfana uthe, loo moya wawuphaphathekisa amaphepha akhe. | (2) |
| | 5.2.3 | Ibala lesuti enxitywe ngumfana limnyama/Bambeka amabala oko wathi waqeshwa kwaSony.<br>(Nayiphina echanekileyo iya kwamkeleka) | (1) |
| | 5.2.4 | Ukuphaphatheka | (1) |
| | 5.2.5 | Amabala eenqwelo-moya akwiindawo ezineentaba. | (1)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**